URhulumente weNtshona Koloni
NGOWAKHO

ISAZISO ESIBALULEKILEYO

UNONDYEBO WEPHONDO LENTSHONA KOLONI IBHODI YONGCAKAZO NEMIDYARHO YENTSHONA KOLONI ISIMEMO SOKUTYUNJWA KWABAGQATSWA ABAZAKONYULWA BABENGAMALUNGU EBHODI

Mna, David Savage, iNtloko kaNondyebo wePhondo leNtshona Koloni, ngokwemigaqo 3(1) yeMigaqo yoNgcakazo neMidyarho yeNtshona Koloni, 1996, ndimemelela ukutyunjwa kwabagqatswa abazakonyulwa babengamalungu eBhodi yoNgcakazo neMidyarho eNtshona Koloni (IBhodi).

1. IBhodi liqumrhu elizimeleyo nelisemthethweni elamiselwa ngokoMthetho woNgcakazo neMidyarho weNtshona Koloni, 1996 (uMthetho 4 ka-1996) (uMthetho), kwaye nenjongo zayo ikukulawula lonke ungcakazo, imidyarho kunye nemisebenzi ehambelana noko eNtshona Koloni (iPhondo).

2. Imisebenzi yeBhodi iquka ukuqwalaselwa kunye nokukhatywa kwezicelo zelayisenisi, ukuqokelelwa kwerhafu ehambelana noko, imirhumo, imisebenzi, iintlawulo kunye nezohlwayo kunye nokukhokela uphando oluqhubayo kwezongcakazo nemidyarho.

3. Uxanduva lwamalungu eBhodi luquka ukuzimasa iintlanganiso zeBhodi ezibanjwa ngenyanga, ukuqhuba utyelelo lweendawo, ukwenza uvavanyo nokuthath' inxaxheba kwimisebenzi yekomiti abonyulelwe wona.

4. Ngokwecandelo 4 loMthetho, ukuze umntu abe ukufanele ukutyunjwa abe lilungu, kufuneka abe—
   (a) ngumntu wokwenene;
   (b) neminyaka engamashumi amabini anesihlanu;
   (c) ngummi weli lizwe leRiphabhlikhi yoMzantsi Afrika (iRiphabhlikhi) yaye abengummi oqhelekileyo kwiPhondo;
   (d) ngumntu onesimilo, osulungekileyo, othembekileyo, oziphethe kakuhle, ondilisekileyo, ngokwasemthethweni, onemikhwa nobudlelwane obungenazintsolo nobudala unxunguphalo empilweni, ukhuseleko, ukuziphatha, ngendlela eyiyo kunye nentlalo eyiyo kuluntu lonke ngokubanzi kwiPhondo kwakunye nokulungiselela umgaqonkqubo walo Mthetho;
   (e) akaxakekanga ngokwasezimalini; yaye
   (f) akabinasithintelo phantsi kwecandelo 5 loMthetho.

5. Ngokwecandelo 5 loMthetho, aba bantu balandelayo bayakuthintelwa ekutyunjelweni kwiBhodi:
   (a) nabani na owaka wabanjelwa isityholo ngokoMthetho okanye nawuphi na uMthetho ofana nawo;
   (b) nabani na owaka nanini na; nokuba kukule Riphabhlikhi okanye kwenye indawo, wabanjelwa ubusela, ubuqhinga, ukukhohlisa, ukuthetha ngamaxwebhu enkohliso, isifungo sobuxoki okanye naliphi na ityala eliphantsi komthetho iCorruption Act, 1992 (uMthetho 94 ka-1992), okanye naliphi na ityala apho ukunganyaniseki kuye kwasetyenziswa;
   (c) umntu ongenako ubuyela kwisidima sakhe otshone nzulu ematyaleni okanye nabani na osaxhomekeke emthethweni ngokwenkubazeko yamatyala;
   (d) nabani na owathi wasuswa esikhundleni sakhe okanye kwiofisi ngenxa yokungathembakali ngokubhekiselele ekungaziphathini ngendlela eyiyo okanye ukunganyaniseki;
   (e) nabani na okwisikhundla sopolitiko; kunye
   (f) nabani na owakha, wazibona esengxakini okanye ngenxa yomlingane wakhe, ilungu losapho lwakhe, iqabane lakhe okanye umntu osondele kuye—
      (i) okhe wafumana okanye wachaphazeleka ngqo okanye ngandlela ithile nakuliphi na ushishino longcakazo okanye ukumiselwa kwalo; okanye
      (ii) othe wachaphazeleka nakuliphi na ishishini elinokuphazamisana nomsebenzi wakhe oluxanduva lokuba lilungu leBhodi okanye nayiphi na ilayisenisi ekhutshwe phantsi kwalo Mthetho.

6. Ilungu leBhodi kufanele ukuba libenolwazi olufanelekileyo okanye amava kuquka nayiphi na kwezi zilandelayo: ezoluntu okanye ukukhathalelwa kwezentlalo yoluntu, ezezimali, ezoqoqosho, ezobalomali, ezophicothozincwadi, ezomthetho okanye ezoshishino.

7. Ilungu leBhodi liyakwenyulwa njengebambela, yaye liyakugcina iofisi ngokweloxesha, ingedluli iminyaka emine, njengeKhabhinethi yePhondo lingamiselwa ngexesha lisanyuliweyo, yaye likulungele ukwenyulwa kwakhona ekupheleni kwexesha lalo liseofisini.

8. Izicelo zabatyunjwa abafanelekileyo mazingeniswe phambi okanye ngentsimbi yesine **(16:00) ngomhla we-14 kweyeNkanga 2022** ngoku—
   (a) posela kwi-:
   The Accounting Officer
   Provincial Treasury
   Private Bag X9165
   Cape Town 8000;
   (b) imeyilela ku-:
   claire.horton@westerncape.gov.za;
   (c) feksela ku-:
   Inombolo yefeksi: 021 483 4337; okanye
   (d) isiwe kwi-:
   Gosa elinoXanduva: Nondyebo wePhondo
   Kumgangatho wesi-3, kwiGumbi W3-07
   kwiNdlu yoWiso-Mthetho
   15 Wale Street
   EKapa,
   yaye iphawulwe ukuba iya kuNksz Claire Horton.

9. Abatyunjwa kufuneka baquke amagama, idilesi, inombolo yomnxeba kunye nekharityhulam vitae yomtyunjwa.

10. IBhodi inenjongo yokuphumeza ukumelwa kumalungu ayo, yaye ukukhetha kuqala kuya kunikwa iqela elikufaneleyo oko, ingakumbi abagqatswa basetyhini abafanelekileyo kunye nabantu abaphila nokukhubazeka.

11. Imibuzo ingabhekiswa ngqo kuNksz Claire Horton, umnxeba. 021 483 6037.

Sityikitywe eKapa ngomhla we-18 kweyeDwarha 2022.

D SAVAGE
INTLOKO KANONDYEBO WEPHONDO LENTSHONA KOLONI